



UKUKRWAQULA KWIZIKO LEELWIMI LASE-SU

Sikholelwa ekubeni lulwimi olusidibanisayo. Ngoko ke siqhagamshelanisa abantu ngokuphucula unxibelelwano nokuqondana.

NAZI IINDLELA ESINOKUKUXHASA NGAZO...

UKUFUNDA

Funda iindlela zokufunda ngakumbi ngobuchule. ILebhu yethu yokuFuda ibonelela **ngocweyo, uthethathethwano neenkqubo zobuxhakaxhaka bekhompyutha**, eziza kukunceda ekubeni ufunde ngcono.

✉ Marisca Coetsee

Funda ngakumbi 

INDELELA YOKUCINGA NGEELWIMI EZININZI

Ingqondo yakho mayivuleke **kwiiLwimi neenkqubeko ezahlukeneyo** ezikungqongileyo. Yiba nendlela ebanzi yokubona iihlabathi novelwano olungakumbi ngakubantu odibana nabo yonke imihla. Oku kuza kukunceda ekubeni wenze izigqibo ezingcono, uqhagamshelane nzulu ngakumbi nabanye kwaye uphile ubomi obanelisayo.

✉ IZiko leeLwimi

Funda ngakumbi 

UKUBHALA

Xoxa ngokubhala kwakho ngobuxhakaxhaka okanye ubuso ngobuso nomcebisi wakwiLebhu yokuBhala oqeqeshiweyo. Kusimahla! Yenza **idinga nengcaphephe kwezokubhala** ngokusebenzisa **Inkqubo yokuBhukisha kwiLebhu yokubhala** kwiphothali yakho kaMySun.

✉ Anne-Mari Lackay

Zimasa ucweyo olulungiselelwe wena buqu kwiLebhu yokuBhala nezakunceda ekubhaleni isindutulo sophando lwakho, uhlalutyo lwakho loncwadi, ithisisi okanye inqaku lejenali.

Okanye uthathe inxaxheba **kuthotho lwembalo** zethu zarhoqo ngenyanga, ukuze ufumane indawo yokubhalela ekhuselekileyo namahlakani okubhala abalaseleyo.

✉ Selene Delport

Funda ngakumbi 

UKUFUNDA NOKUBHALA NGOKWEZEMFUNDO NONXIBELELWANO OLUPROFESHINALI

Zixhobise ukuze unxibelelane ngokuvakalayo eyunivesithi nasemsebenzini wakho - ngeemodyuli zethu **zokubhala nokufunda** ezishicilelwa kwiifakhalthi. Ezi modyuli zigxila kunxibelelwano lobuchwephesha, ngokwenkqubeko nangokwenzutlwazi.

✉ Faika Haroun

Funda ngakumbi 



UTOLIKO LWANGALO MZUZU

Sebenzisa **utoliko** eklasini. INkonzo yethu yokuToliko ineqela elinamava leetoliki eziqeqeshiweyo eziza kunceda ekuqinisekiseni uyafikelela kumxholo wesifundo sakho. NgesiAfrikansi, isiNgesi, isiXhosa okanye uLwimi lweZandla loMzantsi Afrika (SAS) apho kukho imfuneko yokufundisa.

Juanli Theron

Funda ngakumbi

UKUHLELA, INGUQULELO-LWIMI, NOSHICELELO-NTETHO

Sebenzisa iNkonzo yethu yoLwimi ukuze **uhlele** uze **ugququlele** isishwankathelo sophando lwakho, uluhlu lwemibuzo yakho yophando okanye iifomu zemvume. okanye usithembe ngamaxwebhu wakho ezoshishino – ukususela kwiintetho eziza kwabeendaba ukuya kwiileta, iingxelo nemizuzu. **Siguqulela** kwilwimi ezilizis, kuquka nesiXhosa.

Cobus Snyman

Fumana **ushicilelo-ntetho** lobuchule lodliwanondlebe lwakho lophando okuze uqhubeke ngophando nophando ngokwalo.

Marguerite van der Waal

Funda ngakumbi

IIKHOSI EZIMFUTSHANE KWEZONXI-BELELWANO KUSHISHINO

Zimasa ikhosi emfutshane yakwi**Comms Lab** ejoliswe kubantu abasebenza kwezoshishino, ezolawulo okanye kwimisebenzi yasezifosini. Phucula izakhono zakho zonxibelelwano uze ubuyele emsebenzini nesetifiketi sobuchule nokuzithemba nomdla omtsha.

Michelle Pieters

Funda ngakumbi

ISIGAMA

Jonga **isixhobo sesigama esingeelwimi ezintathu** kwiwebhusayithi yethu ukuze ufumane isigama sezifundo ngesiAfrikansi, ngesiNgesi nangesiXhosa.

Iziko leeLwimi

Funda ngakumbi

ISINGESI

Phuhlisa isiNgesi sakho nge**Nkqubo yethu yesiNgesi elungiselelwe iMibandela yezeMfundo** (EAP). Okanye ubhalise kwinkqubo yethu **yesiNgesi esiNzulu** (IEP) ukuze uphuhlise izakhono zakho zokufunda, zokubhala, zokuthetha nezokumamela.

Ukuba uneenjongo zokufundisa phesheya ungenza TEFL course (ukulungiselela ukufundisa isiNgesi njengolwimi lwangaphandle), okanye ukuba uneenjongo zokufunda phesheya, yenza izifundo zokulungiselela iimviwo i-IELTS (iNkqubo yokuVavanya uLwimi lwesiNgesi lwakuMazwe ngaMazwe).

Fatima Halday

Funda ngakumbi

ISIAFRIKANSI NESIXHOSA

Funda **isiAfrikansi** okanye **isiXhosa** uze wenze nzulu uqhagamshelwano lwakho nabantu. Ukuze ufumane izakhono zolwimi lwezintlalo, zama iiseshoni zethu ze**Survival** okanye ukufunda kunye nomhlobo ngokusebenzisa **iHahbu yokuFunda uLwimi**.

Helga Sykstus

Stembele Johnson

Kananjalo sikwanikezela ngezifundo zesimesta kubafundi bakumazwe ngamazwe.

Jeanene Olivier

Funda ngakumbi



SU Language Centre
IZiko leeLwimi lase-SU
US Taalsentrum
STELLENBOSCH UNIVERSITY

+27 21 808 2167 | 44 Banghoek Rd | 7 Bosman St

